I Mbongi ye Sizwe Jikelele: *Imvo Zabantsundu* (08 October 1935), page 6

## U Thung' umlomo II

"Wema." 2 Sam. 23:12

Kwiminyaka ekufuphi kumashumi amahlanu (50) eyadlulayo abavoti base Koloni badibana ngomsindokazi omkhulu kulo eli Qonce, beze kulwa idabikazi levoti yabo eyayihluthwa, bethungwe imilomo emthethweni. Lowo ke yayingu Thung' umlomo I. Idabikazi elo laphuma nemikhuthuka macal' omabini.

Namhla ke, ngosuku lwe 18, nolwe 19 kuyo le Nyanga yom Sintsi (18th and 19th Sept.), sifikelwe lelinye idungamzi, lokuhluthwa kwevoti ngu Rulumente,—kwayawa gileka imikhuthuka macal' omabini; kuloko indab' otyelo ayikholi ma Laundini!!

Mna ke ngoko Mbongi ye Sizwe,—
Ndivile ngeendlebe ndabona ngamehlo;
Ndaziv' izithonga zenkanunu nesinandile;
Yasebez' imbumbulu yathi,—
Mpi na mpi—nampi nampi-i-i-i,
Kwaw' umkhuthuka ngapha nangapha,
Phakathi kwentshinyela yomsi.
Yayibambhene ngezihlwitha ndakujonga,—
Yatsho, yatsho yatsho, yakhangelana
Siboleken' indodana,
Soninika phezolo!
Wez' umfo wasemlungwin' equle wagqiba,
Zajamelan' inkunz' emnyama nemhlophe;
Yeza ngobungwe kub' iyiqethul' eyakwa Zulu;
Saye sisit' akukho nkunzi kwa Zulu,
Nkunzan' ikhoyo sisaphuselana.
Ubuthenin' ukuz' uyokuqala kuma nkonyana?
Lihlazo lanin' eli kwinkunz' engaka?
Ukufuman' udyobhel' abantwan' iswekile,
Ut' as[i]liboni n' iqer' elo ngaphaya kwayo?
Uyabona ke mfo wase mlungwini,
Thina sihlala sikuxelela,

Sisithi lomzi ka Rharab’ uyalumaluma;
Uno Noncangeziduli no Ncamigubasini.
Uno Nomeva noo Nomanxedlana;
Mhlamnye bayasuzel’ ezindlebeni;
Umke phambi kwexesh’ obulicingile.
Maz’ emnyam’ isalele,—
Yiyeken’ ivuk’ i[s]e liwasakazi;
Kant’ ukuzal’ iya kuzal’ iiungakazi;
Ndathanda ma Laundini ndathanda!
Uya kuthethwa ngeka Hintsa wena,
Ayidluli kubamb’ inkunzi ngempondo.
Uya kuthethwa ngemfazw’ eZembhe wena!
Kant’ ayidlule kuma phambhi kwenyathi,
Inyath’ emathyobozo seyifun’ emntwini.
Uva wena kunconyw’ eka Mlanjeni,
Kant’ ayidlule kubambana nengwenya,
Ingweny’ enjombor’ isesizibeni
Ndathanda mathol’ amadoda, ndathanda!

Mathol’ ezirwalaxu, zo Nyongande kudlelana;
Imin’ enamandla yeyanamhla neyangomso,
Eyezolo seyiphantsi kweenyawo.
Iyaluma lenja! Iyaluma lenja-a-a!
Lama Hlath’ akwa Hoho, ndinamanwele.
Sikhe sev’ int’ int’ isithi, “Haarfu-u-u!”
Suk’ ayabi ngonyam’ ayabi ngulube,
Sithe sakuya ko Siyazi,—
Bathi ngabanini baloomahlathi,
Bayaphefumla bev’ ukuxinzeleleka.
Kwamnandi mfbndini ka Sishuba,
Kwamnandi sibonel’ amadodan’ edlala.
Kautsho ka Sikit’ ubone njanina wena?
Uyibonile na x’ ihlab’ udiz’ ihlab’ impakatha?
Umbonile n’ umSuthu wase Gqili,—
Int’ ebhule yatsho waphel’ uMbete.
Uyikhangele n’ ikwe ka Dippa kwa Majola,

Int' ebinz' iphoiile ngokom Ngqika kanye;
Int' ebinz' ithandaz' itaruzisa.
Umbonile n' umTembu wakwa Dlomo;
Int' edubul' int' ewayo ngezi Godlo.
Ndathanda nto zika Jabavu zakwa Jili zakwa Masengwa kuma
Singawothi; Lento kuni seyisisicakathi.
Linijongil' ilizwe, unijongil' uMgcawezulu,
Ndimbonile x' aman' ukujiwul' edlisela.
Phath' int' etsolo mtaka Thikoloshe,
Likubhungile lonk' elasema Xhoseni,
Kuthiw' unento yokwenza nabafazi bamadoda!
Siyabulela Ngqondela ngokusamkela!
Int' ejong' inzwane zamany' amadoda,
Kant' iyazibon' intshiyi zombhini.
Maqobokazana! Maqobokazana!!
Ndathanda nakukhwezel' eziko,
Mfaz' onesidim' uphang' eziko ngondwendwe,
Ntshontsho lembhiza ngu Nopotyi,—
Kant' imbhiz' enkulti ngu Gqibithole.
Nkonyan' ebhekile ngu Nomenteshe,
Ngunina ka Nomentesh' iBhuje.
U Fephiwe lo ngumkhuluwa vvakhe.
Ndathanda nakuwathand' amadod' omkhosi!
Nakuwanqak' amadela kuf' ohlanga.
Bantwana basekhaya, ma Hotyazana!
Hay' ukuswel' iinkomo,—
Zintl' iintombi zesixeko!
Mfo ka Mqhomo noka Magobiyane,
Bafundisi besizwe nohlanga.
Ndathanda nakulwa bafondini!
Itsh' iMbhongi ye Sizwe no Hlanga.
Sihlala sinixelela ke ma Africa!
Lusapho luka Ham u So Kushe;
Sisithi, nasakulahla konk' okwenu.
Kusek' iimin' ezimbh' ekuhlaleni!
Wabizen' amagqwira sihlamban' iinduma!
Makeze kufundis' intsebenzo yemithi;

Imithi yakowethu mayinced' uhlanga;
Mayijale sakujala, mayilwe sakulwa;
Bizan' amagqwira sithetathetane,—
Apez' ukubulal' ekhay' intshaba zihleii,
Hinje Thontsi? Hi-nje Kalpenisi?

Wadi' uSindiyandiya, yadl' intsihlo;
Wadi' uMavumbuka, wadi' uMalingatshoni;
Sadi' isikhwili, sadl' isikhali;
Zadl' iinyosi, badl' oNomanxedlane;
Wadi' umDlebe, sadl' isaphompolo;
Wadi' umbane, wadi' umgubo kaPhezulu
Yekan' amagqwir' afundis' ubulumko
Zatsh' izithonga! Zatsh' izithonga
Zathi, Ndhi! Ndhi! Ndhi i-i-i!
Zathi, gudlu-gidli-gulukudlu-u-u!
Yalwa, yalwa, yalwa, yajongana!
Betha ngebhunguza nto ka Tyamzashe!
Ka Mejana, ka Oya ka Tshangisa.
Lento kuwe seyikukutyiwa kwenkobe.
Sewuvel' elezindawen' eziphambhili.
Ndathanda Bomoyi ka Cedume!
Basuka be Tyobeka be Tyobeka!
Wath' oko bekungoko, ngoku kungoku;
Watsh' utheth' int' esithetha yona.
Ewe, nto kaPhendla, tol' lakomkhulu
Nawe ka Mama mathol' amaramncwa;
Ewe nto ka Phaphu neka Mphuthing
Singakushiyi nganto mfo ka Mvambo,
Nawe ka Sigila, nawe ka Mzazi;
Lingaphel' ixesha mfo ka Jorha ka Mehlala,
Xa kuvuke nabasema Tsitsikama,—
Kuvakuvuk' iinyoka nemililo yo Ndlutshile.
Kwakubi Mfene, kwakubi!
Yakugudl' ingadl' enyameni;
Mfondini ka Jingiso wakwa Hlathi,
Wemi Thwaku yo Nonyinkobe;

Asi Mfen' ukuthi "Hirti" kweziny' iimfene!
Siyayidel' indinyana ka Thikoloshe.
Aqal' amadod' aman' ukopisa,—
Siwaqaphula nge ngadla yakwa Rharabe.
Ngengadla yakomkhulu kwa Butsolo bentonga
Valan' amazibuko ba Temb' eMthatha!
Seyisiza ngobunchuka wosel' uyosela.
Nathi siyibambhe ngeswili negazi;
Ubusandul' ukosel' iNjengele ngezolo
Yemka ngemixawuka namageduka;
Yemka ngokuthobela nokunyubela;
Kube kabini kathathu ma Laundini!
Taru mzi wenkosi ngalamachapaza,
Yint' ekubona kub' iMbhongi!
Taruni ndiyataruzisa!! Ntsho, Ntshobololo,—
Ngokwe nkwenkwez' ingen' efini!!